



The Office Of The Principal and Vice - Chancellor

**NJINGALWAZI MANDLA MAKHANYA, INQUNUNU NOSEKELA
NGQONYELA**

ULWAMKELO KWIYUNIVESITHI YOMZANTSI

AFRIKA: INKOMFA YEMFUNDO EVULELEKILEYO

2018

**KWIKHAMPASI YASEUNISA
EMUCKLENEUK**

5 – 7 EYOMSINTSI 2018

- OoSihlalo bale ndibano yokuceba yokuvula:
 - Njingalwazi Mpine Makoe, Umbhexeshi wecandelo lezifundo elivulelekileyo nelabafunda bekude ngeekhompuyutha, elaziwa ngokuba yi *Unisa's Institute for Open Distance and eLearning (IODL)* nokwanguMongameli weDEASA
 - Njingalwazi Daniella Coetzee, uMongameli weNADEOSA ne Nqununu yeKhampasi eseMzantsi kwiYunivesithi yaseFreyistatha
- Ohloniphekileyo uSekela Mphathiswa Buti Manamela, uSekela Mphathiswa Wemfundo Ephakamileyo Noqeqesho, eMzantsi

Afrika

- Njingalwazi Asha Kanwar, uMlawuli Jikelele (CEO) *weCommonwealth of Learning (CoL)*
 - Intloko Yecandelo lezifundo zeMfundo kwiYunivesithi yasePitoli: uNjingalwazi Sehoole
 - Isithethi sethu esiyintloko, uNjingalwazi Michael Moore
 - Isigqeba sabaphathi nabaphathi abongezelelweyo
 - Ababekekileyo oogxa bam bomsebenzi abavela kwimibutho namaziko esisingathe nawo lo mcimbi: iNADEOSA, iDEASA neYunivesithi yasePitoli
 - Amaziko angabantakwethu eMzantsi nakwiAfrika esemaZantsi
 - Izihlobo noogxa bam bomsebenzi abavela kwilizwekazi leAfrika nakwezinye iindawo
 - Abasebenzi baseUnisa
 - Kunye nababaluleke ngaphezu konke – abafundi bethu abasuka kwiindawo ngeendawo ukuza kuba nathi apha

Namkeleke ngezandla ezishushu nonke bethu. Andazi nokuba ndithini ukuvakalisa uvuyo lwam xa ndibona aba bameli bamaziko eODEL elizwekazi lethu leAfrika, amaSebe nezikolo ezize kule nkomfa esisiqalo sentsebenziswano, neququzelelwe ngokuncedisana ngumbutho wamaziko emfundo yabafunda bekude nobizwa

ngokuba yi ***National Association of Distance Education Organizations of South Africa*** (NADEOSA), umbutho oyi ***Distance Education Association of Southern Africa*** (DEASA), neYunivesithi yasePitoli – abamelwane bethu - kwakunye neYunivesithi yoMzantsi Afrika. Boogxa bam bomsebenzi, sinochulumanco olukhulu ngokusingatha lo mcimbi.

Xa ndijonge isicwangciso senkqubo, ndibone abameli abasuka (andibali ngokwamawonga okanye ngokukhetha):

- iYunivesithi yaseLusaka, eZambia, iziko elaziwa ngokuba yi ***Institute of Virtual and Distance Learning – DMI*** elikwiYunivesithi iSt Eugene, eZambia, iKholeji ebizwa ngokuba yi ***Mufulira College of Education*** nezibandakanye neYunivesithi yaseZambia, iTEVETA Zambia, iNkwame Nkrumah Yunivesithi, iKabwe, Zambia - *mwauka bwanji*
- iYunivesithi Evulelekileyo yaseZimbabwe, iyinivesithi eyaziwa ngokuba yi ***Midlands State University in Zimbabwe***, i***Chinhoyi University of Technology in Zimbabwe***, kwakunye neziko loqeqesho i***Seke Teachers College, Zimbabwe*** - *mangwanani akanaka*
- iYunivesithi yasePitoli – *goeie more/ good morning*
- iYunivesithi yamaKatoliki yaseMozambique, ne***Instituto Superior de Ciências e Educação a Distância, Moçambique*** – *bom dia*

- iYunivesithi yoMzantsi Afrika
- iYunivesithi yaseNamibia, i*Namibia College of Open Learning (NAMCOL)* ne*Namibia University of Science and Technology* - *guten tag/wa lalapo*
- iYunivesithi Evulelekileyo yaseBotswana - *dumelang*
- iYunivesithi yaseSwatini kunye neziko i-*Institute of Distance Education* - *kusile sihlobo sami*
- i*National University of Lesotho* kwakunye ne*Institute of Extra-Mural Studies (IEMS) at the National University of Lesotho* - *lumelang*
- ikholeji eyi*Lesotho College of Education*
- iYunivesithi Yesizwe Evulelekileyo yaseNigeria (*National Open University of Nigeria - NOUN*), iYunivesithi Yemfundo ekuthiwa yi-Ignatius Ajuru Education University, yasePort Hacourt, neSebe Lemfundo Yabadala, leYunivesithi yaseIbadan, iFederal Yunivesithi, Oye-Ekiti - *good morning/ekaaro/ekuojomo/inakwana/ibolachi*
- iYunivesithi yaseFreyistatha – *khotsong/goeie more/dumelang*
- iSigqeba seAfrika seMfundo Yabafunda Bekude , esimelwe ngaba:
 - uNjingalwazi Abdelraouf A Elbadawi – iSekela Ngqonyela leYunivesithi Evulelekileyo yase Sudan noMongameli weACDE - *sabah al khair*
 - uNjingalwazi Elifas Bisanda – iSekela Ngqonyela leYunivesithi Evulelekileyo yaseTanzania - *jambo*

- uGqirha Daniel Tau – iSekela Ngqonyela leYunivesithi Evulelekileyo yaseBotswana
- uNjingalwazi Father Alberto Ferreira – iSekela Ngqonyela Yunivesithi yamaKatolika – eMozambique
- iziko elaziwa ngokuba yi-*IQ academy – good morning*
- iYunivesithi yaseKabianga, Kenya - *habari za asubuhi*
- iziko elaziwa ngokuba yi-*Unisa – Ethiopia Centre - inidemini āderiki*
- iSAIDE
- iYunivesithi yaseMalawi isikolo sezifundo zobuntatheli nezamajelo osasazo, (*iPolytechnic*) *School of Journalism and Media Studies - tazukca bwino (dazuka)*
- isikolo sezorhwebo, *iRegenesys Business School*

Ndiyabulisa kuni nonke.

Ndiyacinga ukuba nakuvumelana nam, manenekazi nani manene xa ndisithi senze umsebenzi owenza ukuba sibe nebhongo! Eli lelona xesha libubungqina bokukhula kokubaluleka kweODEL kwinginqi yethu nakwilizwekazi lethu leAfrika, kwaye ayithetheki indlela endivuya ngayo.

Imfundo evulelekileyo ngumba okhulayo, kwaye abasebenzi beODEL bakawonke wonke nababucala bayiqonda ngeendlela ngeendlela, ngokuxhomekeke kwiimeko nezidingo zabo. Noxa kunjalo, into evunyiweyo neyamkelekileyo jikelele kukuba imfundo evulelekileyo

ikhuthaza ukuveliswa okukhululekileyo kwemithombo yokufunda nokufundisa enjengeencwadi ezivulekileyo neminye imithombo yemfundo evulekileyo ekuvelisweni kweODEL.

Iyakhathaza ke nook into yokuba kusekho ukubhideka nokuwa kweentetho ngeentetho nokungavisisani phakathi kwabasebenzi beODEL malunga nolwalamano lweODEL nemfundo evulelekileyo, ngakumbi nemithombo yemfundo evulelekileyo (*open education resources OERs*). Le nto ayincedi namnye umntu, kwaye xa ubani esongeza izimvo zabanikezeli nkonzo abajonge inzuzo, le ngxaki iba ngaphezulu. Ingumnqa kum into yokuba kwenzeka njani ukuba izifundo ezininzi ezivulelekileyo nezifumaneka ekhompnyutheni, okanye iiMOOCs zingqanyaniswe neODEL, ekubeni ezi zifundo zisisixhobo zokukhululeka nokucutha iindleko kubafundi abaninzi. Mhlawumbi mandiwuyeke lo mbandela kuba unokusingathwa lula zizithethi ezikhoyo kule nkomfa. Ngoko ke ndithembe ngokunyanisekileyo ukuba le nkomfa iza kunceda ekubeni imfundo evulelekileyo ijongwe ngelinye iliso lokuyixabisa, nokuba ingasetyenziswa njani kwiimeko zethu ezahlukeneyo zeODEL.

KwiAfrika esemaZantsi, imfundo evulelekileyo yabafunda bekude ikhule ngamandla kule minyaka ilishumo idluleyo, kwaye maninzi amaziko emfundo afundisa abafundi eklasini aqalise imfundo yabafunda bekude kwanezinye iindidi zokufunda ezixubileyo.

Umngeni ke isengulo wokungaziqondi kakuhle ezi ndlela zokufundisa zinikezelwa ziingcali zemfundo kumaziko ethu, nto leyo idala ukuyiloza kumaziko malunga nodidi kweODEL olusetyenziswayo; ibuye idale ukwamkela ubuchwepheshe obuthathelwe phezulu ngaphandle kokubuqondisisa kujike kungabi naziphumo; ukungaziqondi kakuhle iimeko zemigaqo nkqubo yeODEL esizweni nasehlabathini; ukungaluqondi ncam uncedo namandla abuthume kwiODEL nakwimfundo evulelekileyo; kwaye ekugqibeleni – nokona kumandundu – le nto idala ukuhla komgangatho wokufundisa nokufunda. Oku kufuneka kulungiswe ukuba ngaba siza kuqhubela phambili njengengingqi nanjengelizwekazi leAfrika.

UMbutho weMfundo Yabafunda Bekude weAfrika esemaZantsi (*Distance Education Association of Southern Africa - DEASA*) noMbutho weMfundo Yabafunda Bekude noweMfundo Evulelekileyo eMzantsi Afrika (*National Association of Distance Education and Open Learning in South Africa - NADEOSA*) ngamaqumrhu engqingqi yoMzantsi Afrika exhasa ukuqiniswa komgangatho wemfundo yabafunda bekude nemfundo ngekhompyutha okanye ezinye izixhobo zobuchwepheshe (*e-learning*). Mninzi kwaye mhle umsebenzi owenziwayo ekuqinisekiseni umgangathi kwingingqi yeSADC. Ngokunjalo, kwezi ntsuku nje zimbini zidluleyo, oogxa bam bomsebenzi kwiACDE bebesichazela ngenkqubela yamalinge aqaliswayo okuqinisa

umgangatho naqhutywa ngamalungu eACDE. Kwenza imincili kakhulu kwaye kuyakhuthaza ukubona inkqubela kowona mqobo mkhulu wokwamkelwa kwamabanga ezifundo zeODEL kwezinye iindawo zelizwekazi leAfrika – nakwihlabanathi. Apha ndithetha ngomgangatho. Oogxa bam bomsebenzi, nawo onke la maqumrhu axhasa ukuphuhliswa komgaqo nkqubo, uphuhliso lwesikhokelo somgaqo nkqubo nokudalwa kwamathuba okwabelana nokusebenzisana kwamalungu emibutho. Eli linyathelo esakhela kulo ngendlela eqinisekileyo kwaye yinto esifuna sonke ukuyikhuthaza ngokunyanisekileyo.

Qho ngonyaka, iDEASA neNADEOSA zibamba iinkomfa zonyaka ezisekelwe kumxholo okhethwe ngobuchule nomalunga nokunikezelwa kwemfundo yabafunda bekude nemfundo ngekhompyutha okanye ezinye izixhobo zobuchwepheshe. Noxa kunjalo, kulo nyaka sigqibe ekubeni senze izinto nendlela enomahluko, injongo ikukomeleza umoya wentsebenziswano nokumisela ulingano kwimesebenzi namandla ethu. Kungoko ke silapha – sihlangene ukuze siqwalasele lo mxholo: *Ukuqwalasela imfundo evulelekileyo: Ingingane, umgaqo nkqubo nokusebenza kwayo kwiindlela ezahlukeneyo zokunikezelwa kwayo. (Exploring open learning: Theory, policy and practice in different modes of provision)*. Ngokolwazi lwam, le yinkomfa yokuqala, kwaye ivelisa ithuba elingenakulinganiswa nanto lokuba abasebenzi beODEL

badibane ukuze babelane ngolwazi lwazo namava malunga nemfundo evulelekileyo. Oku kuza kwenziwa ngokunikezela iintetho, ukuthethathethana, ukwenza izihlobo ezitsha nokuhlaziya ubuhlobo osekukudala bukho.

Into endenza imincili ngale nkomfa, boogxa bam bomsebenzi, kukuba siza kuvelela iimbono ezininzi ezixhaswa ngamava eengingqi nezifundo – konke oku kugxininise eAfrika. Nalapho kuyaqala ukubakho inkomfa enje, ngoko ke ndithi masizincome, sisebenzile! Amaphepha aza kunikezelwa kule mixholwana ilandelayo, netyhila imiba esematheni, eMzantsi Afrika nakwingingqi yeAfrika esemaZantsi, malunga nokwanda kwemfundo yabafunda bekude nefumaneka kwizixhobo zobuchwepheshe:

- Ukuqwalasela imfundo evulelekileyo kwimfundo ephakamileyo nophuhliso lwabefundisi ntsapho
- Ukuqwalasela imfundo evulelekileyo kwimfundo yeTVET, imfundo yabadala kunye noqeqesho nokuya esikolweni
- Ukuqwalasela imfundo evulelekileyo ukwenzeka ukufikeleleka nempumelelo
- Ukuqwalasela iiOERs, iiMOOCs nokusetyenziswa kobuchwepheshe emfundweni
- Ukuqwalasela ubungcali bophando obuvulelekileyo bokufundisa nokufunda.

Ndinemincili ngokungathethekiyo lolu lwazi kuza kwabelwana ngalo

apha kunye namathuba aza kuvela kwezi ntsuku zimbilwa zizayo.

Kuloo ndawo ke boogxa bam bomsebenzi abangayiqondi kakuhle ukuba bunjani ubume bale Yunivesithi yoMzantsi Afrika inkulukazi, mandinixelele nje ngokufutshane ukuba iUnisa yeyona yunivesithi inkulu ivunywe ngokusemthethweni nenomgangatho uqinisekiswa kwilizwekazi leAfrika kwaye ngokuqinisekileyo yenye yezona yunivesithi zinkulu ehlabathini. Siyiyunivesithi ekuphela kwayo apha eMzantsi Afrika apho kujoliswe ekufundiseni abafundi abafunda bekude kwaye, lo gama usiva kwaye ubona iUnisa ithetha ngokuba yiyunivesithi yemfundo yabafunda bekude nefumaneka kwizixhobo zobuchwepheshe, loo nto ithetha ukuba sifana namanye amaziko aqweba izinto ezintsha kwaye sijonge kwinkqubela phambili. Sihamba namaxesha ekuqinisekiseni ukuba umcimbi esingawo neendlela zokufundisa zibusebenzisa ngokupheleleyo ubuchwepheshe obufikelelekayo, ukwenzela ukuba abafundi bethu baxhamle iziqhamo zokuba nezixhobo ezifanelekileyo njengabathweshwa zidanga benkulungwane yama-21. IUnisa iyintsika engundoqo yemfundo ephakamileyo yoMzantsi Afrika kwaye ixhaswa ngemali ngurhulumente kanti ikwavunywe ngokusemthethweni (oku kuquka umgangatho) njengezinye iiyunivesithi zethu zikawonkewonke. Sivelisa ngaphaya kwesinye esithathwini sabathweswe izidanga eMzantsi Afrika kwaye sifaka isandla ngokuvakalayo kwini labathweswe izidanga kumazwe

aliqela apha kwilizwekazi leAfrika, nakumazwe aPhesheya, nangona inani lingalingani nelo silivelisela ilizwekazi leAfrika. Nantso ke le nto yenza ukuba sibe liziko elifana lodwa. Siligama laseAfrika elaziwa ngokubanzi.

Ekusingatheni le nkomfa, iUnisa ifuna ukubonisa ngokubonakalayo ukuzimisela kwayo ekwabelaneni nasekusebenzisaneni nabalingane bayo nezihlobo zayo ezikwilizwekazi leAfrika ngenxa yezizathu ezithathu: Okokuqala, ngokuqinisekileyo icandelo lemfundo ephakamileyo ehlabathini liya liqhekeka ngokuqhekeka, livelisa izimvo ezahlukeneyo malunga nobume kwakunye noncedo lwendima yeyunivesithi nemfundo le ngokwayo. Okwesibini, kuyacaca ukuba kwizizwe ezisaphuhlayo kuya kukhula ukujongana nokuvuseleleka kweemvakalelo zobuzwe njengokuba ulutsha ikakhulu, luzikhaba izimvo ezibonakala izinyanzelo malunga nenkcubeko, zimvo ezo zikhabanayo nemvakalelo yabaninzi ngobu“mna”. Ezi zimvo zibonakala (ngokokucinga kwabo) zingeloncedo lutheni kubo okanye imiphakathi yabo. Okwesithathu, yinyaniso ukuba njengokuba ihlabathi lisenza uqwalaselo lwemfundo ephakamileyo nje, kuye kwanyanzeleka ukuba iliso elibukhali lijonge ngaphakathi. Ukukhula kobuthandazwe, ukuwa kweemeko zentlalo nezozoqoqosho kwakunye nesimo esigxakangxaka sezepolitiki ziya zisenza kucace ukuba uxhomekeko olwalufudula lukho neentsebenziswano zakudala azisaqinisekanga kwaye

azisafuneki nganto. Kuyacaca ukuba lifikile ixesha lokuqalisa ulwalamano neentsebenziswano ezintsha nabamelwane nezihlobo ezinamacebo nemigudu yemfundo ehambelana neyethu.

Kuphantsi kwezi meko, necebo leziko lethu lowama-2030, elisekelwe kuMgaqo Siseko wethu, kwiSicwangciso Sesizwe Sophuhliso (*iNational Development Plan*), iNkqubo Yolawulo yeSADC (*iSADC Protocol*), iiNjongo Zophuhliso Oluqhubekayo (*iiSustainable Development Goals - SDGs*) nezinyanzeliso zemfundo zeAU (*AU imperatives*), apho iUnisa icinga ukuba lifikile ithuba lokunimemela ukuba nisebenzisane nayo ekufundeni ngezidingo zethu zemfundo, sibone ukuba singancedana njani ekuxhasaneni nasekuphuhlisaneni. IUnisa izimisele ekubeni yi*Yunivesithi yeAfrika ebumba ikamva kwinkonzo yoluntu*. Nguloo moya sinawo ke lo ubangela ukuba sinivulele iingcango zethu, iingalo neentliziyo zethu. Silangazelela ukwakha amaqhina entsebenziswano aneziqhamo nobuhlobo obuya kuhlala ixesha elide, buhlobo obo bunjongo ikukukhulisa imfundo ephakamileyo esemgangathweni kawonke wonke, singalibali ukuba ixesha elizayo ayilo lethu, lelaba sibafundisayo nesibabumbayo ngawo lo mzuzu.

Boogxa bam bomsebenzi, manenekazi namanene, umphakathi weODEL ungokhetheke ngendlela eyodwa. Ngumphakathi okuqonda ukusuka nokuhlala ukubaluleka kwezeMfundo nesidingo

sokuqinisekisa ukufikelela nokuquka bonke abafundi beAfrika – ngakumbi abo bangenamathuba amahle kuba iimeko zabo zingentle. Kubalulekile ke ngoko ukuba senze konke okusemandleni ethu ukuba siphumeze loo njongo. Le nkomfa ibaluleke kakhulu kwaye ilinyathelo lokuzimisela kolo hambo luya ekukhanyeni.

Okwam kukuphinda ndinamkele, ndiniqwenelele okuhle kule nkomfa, kwaye ndiyivule ngokusesikweni le nkomfa.

Ndiyabulela.